# IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION)

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, MARCH 16, 1885.

[No. 20


## ICAM ELIKULU! ICAM ELIKULU!

### Ngeli-xesha lokutengisa uboya

## C. FENNELL & CO.,

ABAYITENGISELA UKUBA IPELE TU IMPAHLA YE VENKILE YABO.

Bazimisele ukuyitengisa yonke impahla esaseleyo, yengubo zamadoda nama mankazana.

Njengokuba kuzakutengiswa u boya nje bayakuyitengisa ngamaxabiso ade agqitisa ngobupantsi.

APO BAKONA KUSE MACLEAN STREET E-QONCE.

## JOHN J. IRVINE & CO.

Abatenga impahla kwamanye amazwe

*Nakweli,*

Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO

Nezempahla emfutshane,

BEMFONDO,

*Nokudla, njalo njalo.*

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitengakuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenja- lo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa nge- nto esukuba itengiswa anikwa apa.

JOHN J.'IRVINE & CO.

## D. THOMAS,

Ibaki Umenzi nomtengisi wento Ezimnandi.

Uvulele aba ntsundu indlu eyodwa yezixaso kumnyango olunge nowalandlu yake indala.

Izixaso kusoloko zilungile amaxesha onke. Kuko nendlu eyodwa eyokutyela yona. Izonka Zomtshato zenziwa kwanguye.

## ISAZISO KWABANTSUNDU

Kwa PASCOE BROTHERS,

E-AYLIFF STREET.

Iprinti ezintsha ezimfusa, Iprinti ezintsha ezidaki, izitofu zelokwe, Ilinzi ezi Ngwevu okumdaka, Ngwevu oku- kanyayo nezi Mfusa. Ityali ezintsha ezingwevu, nezimfusa nezimnyama, zentlobo ezintsha, zamaxabiso ngamaxabiso. Izihlangu zamankazana eziqala kwi 1/. Ikeleko eziqala kwitiki iyadi._____

## OMAKUPAULWE

I-Seteni emhlope esezenziwe izivato (zitshipu). Izigubungelo neveyile zomtshato njalo-njalo.

Yonke impahla efunwa ngabantsundu abazakutshata ihleli iko ilungele ukunxitywa.

IZISULU !IZISULU !

## J. no C. HEDDING,

KWIVENKILE YAKWA NGQIKA,

Bayayitengisa yonke impahla yabo yama Xosa bafuna ukuba itshayeleke tu kwakamsi- nyane.

Intengiso iqala ngo Mvulo lo wanamhla.

Qondisisa kakuhle apo bakona kwivenkile yakwa Ngqika e-Qonce.

## KWABAFUMANA "IMVO."

ABABEHLAULELE inyanga ezintatu zokuqala kupela ezapela ngo 31 January, 1885, bengekazihlauleli ezintatu eziqala ngo February lo mabaqonde kakuhle ukuba aya kunqunyanyiswa amapepa abo bade bawakulule ngentlaulo. Umntu unokuhlaulela ixesha elingapezulu kwelenyanga ezintatu kodwa angahlauleli ngapantsi kwelo. Amagosa ayacelwa ukuba abehle azitumele imali Zabantu abagaseleyo.

; J. TENGO-JABAVU.

February, 1885.

## SITUATIONS.

### Vacant and Wanted.

THE "IMVO" having an exceptionally large weekly increasing circulation for a New Paper throughout the Colony and the adjacent Territories, is the best means of advertising for Native Servants with recommendations.

Terms—Three insertions, 5s. cash, for parti s advertising Vacant Situations.

*R. W. ROSE-IOES,*

Umteteleli-Ematyaleni, Umqinisi,

WEMVUMELANO,

Umanani Weziqiniselo.

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekute. teni amat.yala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama-ofuna umhlaba unokufunelwa, ofuna kijikwe igama lesiqiniselo somhlaba unokwenzelwa. Lemise' benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

U Abraham K. MALO,

*Umteteleli ema-Tyaleni,*

KWA-QOBOQOBO.

J. HILNER,

*Umenzi wentsimbi zamaxesha,*

E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane njalo njalo.

Unentlobo ntlobo zemisesane, iwotshi,

Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle

Zokinika amabaso ngamaxesha atile

M. L. GERRARD,

Umteteleli kwi Ofisi yemantyi e Komani.

Uteta amatyala kwi ofisi ye mantyi. Iminqopiso yokwananwa kwemihlaba uyaiyifeza kwaneye mvumelano.

Ulungiselela abo baqondayo ukuba abanakuwahlaula amatyala abo ngokubala amapepa abonisa oko.

Abanemali ebanjwa ngabangena kuhlaula amatyala ivakaliswa nguye into leyo ematyaleni. Iminqopiso yamafa uyayibala, kwane- zinye into zase mtetweni. Uhlanganisa izi- kweliti, ayinike uminiyo imali kwa oko. Incwadi zabasebenzi usigcina kakuhle.

Kanipe Amehlo!

E-MTWAKU ngo February ndilahlekelwe ngama hashe am amabini: Inkatyana ebomvana enebalana elingwevana mayela emva komkono inesilonda emhlana. Itokazi eligwangqakazi elitshoba limnyama. Omabini akumiminyaka emitatu ubudula.

WALTER KOBE NTSIKANA.

Maci's Kraal, St. Matthew's,

27th Feb., 1885.

Paula oku!

JOHN CHARLTON,

*Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,*

e-Dikeni, nase Xesi (Kwa-Kama) nakwa Qoboqobo.

Lomsebenzi wauqala ngo 1878.

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwananwa kwezi qiniselo zomhlaba—yonke lemicimbi yenziwa ngokukauleza.

Utetelela ematyaleni, aquke nemali engamatyala.

**KANIPE UMKONDO.**

BONISANI umfana kusoloko wemnka apa ngo kubanjwa, waya Emonti *ngo* January 1883. Igama lake ngu Sanisi elinye ngu John Nkomo ; u yise ngu Jacob, ibala lake umnyama ; lirwanqa mfutsham. Umnytu osilandise umkondo wovuzwa ngo kwaneleyo.

ISAAC A. MOTAUNG.

Zuurfontein, Tarkastad,

March 6, 1885.

# Iveki.

EZINKOSANA zimbini za Besutu u-Joel no Jonathan ekukade zipatelene intonga, ngalo Jonke elixesha zite cwaka kanye zihlalelenengobuhlobo ngoku.

AMA Lawn amabini e-Cumakala abebanjwe ngokuranelwa ukuba abe igusha zomlungu, anikwe yimantyi yakona unyaka entolongweni. Ubungqina buveliswe kwalelinye lawo elite guqu pakati kokuba belikamyele
lavuma.

NGASE Bayi indoda emhlope izibulele ngokwayo, isizatu ukutelekelelwa ukuba mayibe yintliziyo ebuhlungu ibangelwake zindawo ezimbini, eyokubujelwa ngunina, neyokwaliwa yintombi ebeyifilisha.

INDABA zamvanje ezivela Pesheya zibika ukuti ukuwa kwa Khartoum nokufa kuka General Gordon kwabangelwa lisheyi elenziwa zinkosana zama Yeputa ne Mahdi—lokuba zoyivulela ingene kuwo amasango awo lomzi, zenjenjaloke okunene.

ITI enye into ekwelo la Bahlambeli kwi- ncwadi esiyifumana kwelase Monti, " Ukuba i-Palamente ese Kapa ayizilungisi izinto sobiza tina u-Rulumente wama Jelimeni. Xa ngabake senjenjalo Yeha kwi Ngilane! Yoda inge ngekungeko nto yaka yayiva ngo Montsiwa."

AMA Russia sitetanje apambene nama Ngesi ngokusuka ama Russia agqitele emhlabe ni wama Ngesi e-Afghanistan. Limehlo ka- nye ngoko.

KUKO ukungevani okutile pakati kwama Jelimeni nama Ngesi nge Bayana elilunge kwa Zulu ekutiwa yi St. Lucia Bay. Ama Jelimeni afuna ukulenza ikoloni yawo.

E-GCUWA lisanconyw' ukubalela, kwaye kusitiwa nomanz' abomvu uyatyikitya.

E-DIKENI utitshala wentsapo zama Ngesi u-Mr. Edwards wenzakaliswe yibola kanobom, imncotule izinyo yalapula elinye yawurazula umlomo ngapantsi kwafuneka eyewatungwa ligqira.

NGASE Dikeni kwindawo abati yi Fort Hare kutiwa iselingene ingqakaqa

U-RULUMENTE wa Pesheya ute ukuyixela e-Palamente indawo yemikosi yama Zulu epantsi komnye wama Shepstone ebifuna ukuya kuncedisa kulamfazwe ise Yeputa akanakuyipendula okwangoku londawo ade ake aqonde ukuquba kwezinto e-South Africa.

NGASE Bayi kupantse ukuhla ingozi embi kunene, kute kanti imenemene elingaziwayo azijika intsimbi acancata kuzo endaweni yazo, wasukake uloliwe wapambuka—nokoke akuhlanga ngozi ngokuti ahle eme.

IFAMA elitile ngase Tinara kutiwa laliye kulalela imbabala ebeliyazi ngamhl' utile, koko lisuke ladubula u-Mxosa, ngokusuka libe uyimfene, kuba belisand' ukubona amatupa ayo.

IJAJI yohlala e-Dodoloro ngolwesi-Hlanu 20 ku March, iz' e-Alvani ihlale ngo Mvulo 23.

IMVULA enobom ine apa e-Qonce ngo Mgqibelo ubusuku bonke nange Cawa.

U DR W. DARLEY HARTLEY umiselwe ukuba aye kuba ligqira lesitili ease Katikati kwa Daliwe.

AMADODANA antsundu ase India akwizikolo ezikulu e- Ngilane ayavakala kanye ngenqubo yawo bo yawo.

EZOCINGO ezipuma Pesheya zixela ukuba u-Rulumente ucinga ngokwandisa umkosi omiyo wama Ngesi.

I-ITALY ibe inentlanganiso egqibe kuyo ekubeni ize xa i-Ngilane icela nncedo bayenzele ngapandle kwenteta eninzi.

INKOLISO yempahla emfutshane, ngokukodwa igusha, ibiseyi bitye kangaka e- Bofolo ngangokokokuba zisuke zati kakalala okona inileyo ngokusindwa buboya bazo obumanzi nazizisu ekumhla zihlutayo.

UMFUNDISI wase Ngqushwa wetyalike ya- se Tshatshi u-Rev. 0. M. Ellingham ngo Mgqibelo opambi kwalo udluleyo ubesematyaleni ngokubeta ipolisa elimhlope.

INKABI yo Mxosa e-Somerset ite bakubon' ukuba basatengisa into zabo emarkeni—suka xwi idiliya engobozini yo Mtshayina eloko ukuqinisa. Udeke wasukelwa wabanjwa, yati inkewu yakusiwa ematyaleni ayateta ayenzani kwakutiwani—abanye bati limene- mene lidala, akasidenge uyazenzisa—wasi- ndake noko umtakati.

UMGQIBELO walecawa yimini amakaba antsundu ase Africa aya kuqondisana ngawo ngebola namabandla ase Yulopu—njengokuba iya kuqubisana nje apa, siva ukuba elase Bayi liyakuqubisana nale yakupa indawana zonke ngexa leholide zonyaka.

INTAMBO ngoku u-Mr. Wolf ekululekilenje uyipose kummangaleli wake n-Schlyer, ngokuti ufunge ubungqina obubuxoki pambi kwamatyala

AMAFANDESI empahla e-Cumakala kwakona ayakuba ngolwesi-Ne 19 March.

E-TINARA pambi kwe mantyi bekuko ityala lamadoda amabini abete umfazana otile wada wapants' ukufa, bembetela ukuba alahle impundulu anukwe lixegokazi legqirakazi ukuba engamunyinje umntwana ubangwa yiyo—umntwana lowo uqaukele pambi kwamatyala yindlala.

INQUBO nendlela yokuma kwezinto kwela Bahlambeli ibonisa ukuba ngati indaba yalomhlaba iya kugqitywa ngapandle kokude kupatelwane intonga.

IPEPA lase Dikeni likanyeza udaba lokuba ingqakaqa iko kwiposi ebisakuba yeyamajoni engaponoshono kwe Tyume. Indawo ekuyo li Regu kwesika Kama. Abantu abafayo babekwe nxamnye, kumiswe igqira u- Dr. Clarke kwaKama ekaya.

KWA elipepa libika ukuba ingqakaqa ingene emantlane Tyume.

U- GENERAL WARREN ufikile e- Rooi Grond, emdeni we Transvaal na Barolong apo afumene kuseko abantu abatile abati bayakumtobela kuyo yonke into ayitetayo.

KUKO umntu osand' ukubuyela e-Dayimani nengqakaqa, apo ati usuka kona kuse Burghersdorp.

USUKU Iwe 19 kuyo lenyanga iyakuba lusuku Iwe holide koma Burghersdorp ngenxa yokuba iyakuba ngumhla wokuvulwa kuka loliwe.

INKOLISO yamafama kwelipezulu iyazitengisa ifama zayo iyakufuna amadlelo kwindawo ezizimbi.

KUSAND' ukubuya kuvakale ukuba kanjako ingqakaqa iyatwabulula a-Alvani.

KUVAKALA amare okungati umzukulu we Nkosazana u-Prince Albert-Victor uza kuzeka intombi yenkosi yase Belgium.

UKWEKWE ezigusheni lungene kanye kwinxalenye yemilambo ya Pesheya e Ngilane, apo lunconywa kanye kona kuse Kent.

EMARKENI yase Maritzburg ngo 6 March uboya obuyigrisi babufumana 71\2 ne 8 3\4 ngeponti.

IMVULA ezine kwelipezulu kufupinje kuti wa azikazanga zabako ezinkulu ngangazo kuleminyaka mine idluleyo.

IBULU elingu Rensburg lisand' ukubanjwa ngokuba amahashe amatandatu.

INGQAKAQA e-Burghersdorp iyancipa. Kwisituba seveki ezimbini kuhliwe abantu abatatu kupela. Inani elibelikumnquba abongelwa kuwo abafayo lihle kumashumi amahlanu leza kumashumi amabini anantandatu.

U-HON. J. W. SAUER, M.L.A.. ulindelwe ukubuya e-Ngilane ngezimini. Kuvakala ukuba uyakuke abenentlanganiso nabanyuli base Alvani ngemicimbi yolaulo pambi kokuba i-Palamente ihlangane.

UMPATI mikosi u-General Warren uselese I Mafikeng kwa Montsiwa njengokuba sati Iundulukile e-Freyiberera (Vryburg). Ama- I bulu azishiyile indawo awabe zibile.

ULURE lokuba u-Sir C. Warren uyakude aye kumisa ulaulo lwama Ngesi e Transvaal
nase Free State lukanyeziwe ngu Sir Hercules Robinson, i-Ruluneli.

IMOFU seyingene kwesi sitili, sebeyikankanya emtonjeni nase Mpongo.

LANDAWO e-Bayi saka sati kuncwatywe kuyo into eziluhlaza, kusenziwa amava okuba izinto ezinjalo zinokugcinakalana eziseleni ukuze zibe nokudliwa zinkomo ebusika, kutiwa iyakuvulwa ngomhla wa 25 kulenya- nga ngentsimbi yeshumi linmye.

IPEPA elihlelwa ngum-Ayirishi ongu O'Dononan Rossa, e America, litembisa umvuzo we £10,000 koya kunikela umzimba wonyana omkulu we Nkosazana nokuba upilile na nokuba ufile.

KWINANI eliyakubako ekuvulweni kuka loliwe e-Burghersdorp ngolwesi-Ne oluzayo kuyakubako no Hon. F. Schermbrucker umpatiswa wakwa Rulumente.

IXABISO lokwazisa into elahlekileyo libonakala kwakona ekubeni u-Mr. William F. Bassi, wase Hebehebe, elifumene ihashe abecela amehlo amawabo ngalo kwo Mvo Zab*antsundu.*

KWELA Barolong kutiwa kuko umkosi namadoda antsundu anxibe ngokwa majoni kanye. Inani ngamakulu omane.

## IMVO ZABANTSUNDU

## U LORD RIPON

*UKUHLUMA kwezizwe* ezintsundu ngokwecala lokukanyanya, kudla futi ngokuti kufanekiswe nokwezizwe zase India, esesiman' ukuti ke ngoko tina, njengomlomo wabantsundu, siti into leyo yenzekayo kweli letu siye siyitelekise nezisakuba zisenzeka kwelo labazalwana abo betu base India. Amakowetu angaba wona akazi ukuba amafaniswa nabo lawo ase India, kuleminyaka mihlanu idluleyo angene kwixesha elitsha elahlukileyo ixesha ebelite kubo lalelizaliswe ngamatemba namadinga. Lompakati ungu Lord RIPON, ogama libonakala emantloko ayo lenteto, usand'ukupuma kwisihlalokazi esikulu sokuba ngu Mongameli welo Komkulu likulu kunene lase India, ekute ukumnka kwake kona ebuyela e-Ngilane Iwabanga ukuba ziti izigidi zentlanga zase India zibutane ukuba zimbonise inkolelo yazo kuye. Kwaye kunjalonje kuyinto ebalulekileyo ukuba ekupumeni kwesosihlalo kuka Lord RIPON ama Ngesi azalelwe kwelo lase India akafumana-
nga ayeke nje, koko aririze kanye Isimilo ngokwaso sezintlanga zimbini (ama India nama Ngesi) ngokumayelana neli Tshawe nasodwa sanele ukubonisa ukuba malibe elixesha laleminyaka mihlanu lokulaula kwake e-India ibe kanye lixesha elingenakulibaleka e-India. Ewe linjalo okunene. Kwasekutini cakata kuka Lord RIPON kwelo lase India wafumana ukuba impatwano ka Rulumente nama India afundisiweyo yegwenxa kanye. U-Rulumente pofu wayebehle wasebenza okokuba abantsundu abo babe nokuyifumana imfundo yamasebe apezulu, azake ngelotamsanqa ama India aba nokumbulela u-Rulumente. Suka ngapaya koko kaloku u-Rulumente akaba nanto yona abe-nzela yona, sifika sakuba lapoke sivumelane no Lord RIPON ngeli liti oko kungavumi kubenzela nto ngapaya " yayibududenge obupeleleyo bolo lulaulo." Bududenge obuyi-ntlekisa kanye ukucinga ukunika abantu—ekukataleke nokokuba ibala labo limnyama, mhlope, gwangqa, mtubi nokuba lilipina—imfundo eyepeleleyo kanye, uze ubavulele ukuba bazi ngemvo nengcinga zama Ngesi, uvuselele ezintliziyweni zabo ulangazelelo lwento ezipakamileyo zentlobo-ntlobo zonke, kwaneminqweno yamawonga ngokwaselulauIweni, uze kwawena ubuye ubaguqukele ngeliti: " Ulangazelelo Iwezinto zokupakama ebesinivuselele ngalo asinto soka sinipe ndawo yalo; kwanalo mnqweno wamawonga esinivulele ngawo asiyikuka sinipe ne-ndawana le yokuba niwuzalise ! " Ukantike wenjenjalo kanye u-Rulumente wase India kwabo bantu *abapeteyo.* Isiqamo sokoke sibe kanye koko nabani ebengakulindelayo. Kuvuke umoya obonisa ukunganeliswa nowokuluswel' ukulutemba ulaulo Iwama Ngesi, kwawakukumalisa kanye lomakulu ezigidi ami e-India. Inxenye ingati, kwanjengokuba itshilo kwelilizwe bududenge ukusuka abantsundu bafundiswe ngangokokuba bade bangenelwe lololangazelelo lwezinto ezipakamileyo namawonga. Incwadi yembali ayisixeleli okokuba ngokubagcina ebutyakaleni abantu ngoko, uyakubangela ukuba kubeko uxolo, uze kananjalo ube uyakuhluma ngokwenjenjalo oko ; ketina ngokukokwetu asingenzi luto ngapezu kokusuka sesivakalisa owetu umxelo ngokusebenzisa amazwi awatetwa ngulo mpakati mkulu u-Lord MACAULAY omazwi wati u-Lord RIPON ngokucapula wona wayenza yavakala inteto yake e-Leeds. Kwingxoxo ezazingo 1833 wati u-Lord MACAULAY—

Siyakubayeka bahlale ebudengenina abantu base India ukuze sibe sibafuna babe nentobeko; kungenjalo ke sicinga ukuba sinakona ukubapa ukwazi ize noko kungavuki ukulangazelela amawonga; mhlaumbi siyivuse lomnqweno, ukuze singayivuleli ntunja ngakwelase lulaulweni icala? Ngubanina ongati ukuyipendule lemibuzo ewe? Ukantike wonke oluvo lulolokuba abantu base India sibavalele ekufumaneni indawo ezipakamileyo utsho uti ewe komnye wayo lemibuzo. Andoyikisi nto ukutsho. Umendo wemfanelo ute dleke pambi kwetu, wayeke unjalonje ungowobulumnko, nongapuhlisa isizwe, kwanongasitwes' imbeko." Ngomxelo wetu yonke lemibuzo siyisi ngisa kwi pepeni lakwa Komani eliyi *FreePress* nakwaba nye abanga, into yokuka umntu ontsundu ofundisiweyo abekwe kwindawo ezipakamileyo nezokutenjwa, ayingeze ike ilingwe yenziwe kwelilizwe. Kungokutabata ingqondo enjengale, " watsho u-Lord RIPONkwabo babe mpulapula e-Leeds, eniya kuhla nisifumane isitshixo esiya kunivulela ukuba nisiqonde isiqingata esikulu sohlobo lolaulo Iwam e-India. Kwaba xa ndikangele kwindawo ezinjengezi endati ndeva ukuba kuyinxalenye yemfanelo zam ezipambili okokuba abantsundu base India ndibamisele kwindawo yempato zentembeko, xa ngaba kuko amadoda afanelekileyo anokuzizalisa." Kungatiwa yinxenye, kwanje ngokokuba bekusand'ukutshiwo, lamanqakwana alata kupela kwindawo nempembelelo zeqelana elifundisiweyo ize kuyekelwe isininzi esingafundileyo ukuba sizaneze ngokumana salusele ngamehlo eluzukweni Iwabanye. Kodwake abo batshoyo bayakulibala ukuba eloqelana lifundisiweyo," likangeIwe ngamakowalo, njengomlibo wokungcamla amalungelo emfundo, ukuzeke uhlanga luqale ukuwomela ukungena ekubeni seluyibonile imfuneko nomsebenzi wayo imfundo. Siyakolwa ukuba asikude kuyapi xa siti iqela labantsundu abafundileyo nabangafundileyo lipantse ukuba linxuluman neli fundileyo kwanelinga fundanga lase India ka liteleki swayo. Esingabake kanti sinyanisile xa siti indawo ezibonakala zibafanele abafundisiweyo base India mazibeke naba balapa zikwabafanele, nakuba kona indawo yokuba imfundo esinayo tina apa ingangaleyo banayo abazalwana betu abase India, singena kuyimisela inyawo Xa sibuyelake kwakwimpato yolaulo Iuka Lord RIPON, sifumana ukuba amava entsebenzo yake akuzibona ezona nto zizimfuneko zendawo leyo abenze okokuba igama lake lingaze lapuma emilonyeni yabantu ngokupuma kwake, wada ngapezulu wafumana uyolo lokokuba ati ngezake izandla anikele kwi NKOSAZANA amakulu ezigidi zabantu abantsundu abate bona bazinikela mpela ukuba babe pantsi kwe Trone Yomhlekazi lowo. Abasaqalayo ukubona ukuba ngokwamazwi ombali ontsundu, " kanti ezinkohlakalo, abakade beva ubunzima ngazo pantsi kolaulo Iwasema Ngesini, azihli ngakuba bekufanele kade ngokohlobo Iwalompato, kodwa ziqamo zohlobo eyati lompato yasetyenziswa ngalo, nesaqutywa ngayo." Xa abantu bapantsi kwe NKOSAZANA bate bada babe nokuzi qonda ngoluhlobo zashicileleka kubo ezinyaniso kungaba nakoke ukubako imbonakalo yokunqatyiswa nokonwaba Nompakati oyakuti intsebenzo yake apa e-South Africa ibe kukuyingenisa ezintliziyweni lenyaniso kumawaka abantsundu akona, woba amakowetu uwatwalise ityalakazi elingengangani lombulelo afanele ukuwenza njengoko i Mor-ques of RIPON yenjenjalo kwinkita ede yapants' nkungabi nakubalwa yaba ntsundu belo Kumkani le NKOSAZANA elise India ?

## Amanqaku.

KWIPEPA lalenyanga lase Lovedale ekutiwa yi *Christian Express* sibona kona inteto enomdla embali ungu Rev. W. J. B. Moir ongomnye wo Titshala e-
Lovedale apo. Lonteto ishicilelwe yayinteto awayifunda wayaneka pambi kwentlanganiso yengxoxo yododana Iwakona. Ikakulu lenteto ka Mr. Moir idulusele kwiqela ati ukulibiza " ngabakokeli "
boluntu oluntsundu, abangabakokeli abaludodana" atike akufika kulondawo ati ukucinga oku ngesiqamo sesipelo sa lonkokelo yolododana ade azike. Kuko balana lokulunga noko anokulalama kulenkokelo, okunje akolwayo kwesisiteto sokuba " akuko nto itintela inqubelo-pambili, injengentswela 'mvelwano" noko ke utike abe noloyiko lokwoyikisela ukuti azi aba bakokeli asingaboha abangabazikatalel' okwabo, kungenjalo iti kanti ngabasa swel' amava, kungenjalo kuti kanti bazipandela angawab' amalungelo qa, kungenjalo luti kanti udodana olu lukokeleyo luyakauleza kakulu alulindani noninzi olulandelayo, kungenjalo suka kuti kanti umsebenzi ubadlule ngobukulu. Ubuza atike ngoko u-Mr. Moir " Kanene udodana olu Iwetu indawo olukangele kuyo knpela yintsingiselo esinge kwizinto zolaulona, nasekukangeleleni indawo nempembelelo yeliqelana lifundisiwe yona kupela, luze luyishiye inkita engafundiswanga ukumana ijonga ibonela uzuko olufunyanwa ngabatile ? "Olona lungiselelo lufunekayo nolwenyaniso kubantu abantsundu, utsho yena umfundisi lowo, lusekubeni bawapelelisebe onke amandla abo bati nobom babo babunikele ekuguquleleni ebu-Krestwini abazalwana babo abangaba ginwa, nase kufundiseni bakanyisele ngakumbi abo kubazalwana babo abasebengama krestu. Eyona nto ingamandla kwawaba Ntsundu asilulo uvoto, ingekuko nokukangela ekupembeleleni kwimviwo ezizezitetye, kodwa yi Vangeli ka Krestu." Nakubeni sikolwa ukuba onke amadodana antsundu angaba ngotitshala nabashumayeli abanamava nakuyipina indawo asukuba ekuyo, siyayitandabuza yona into yokuba kunokwenzeka ukuvela abanga-
bafundisiweyo kwabantsundu boluhlobo acinga Iona yena u-Moir. Pambi kokubeka pantsi usiba masiti, asibazi tina ngokwetu abo bangabakokeli besizwe, pakati kododana nakuba kutshanje kade sisiva kusitshiwo, saye singawazi kwanalomntsantsa, nokuba ubonakala ekuhlenina nokubana use ngosanakanwayo, njengoko kwenjiwenjalo pakati kwalonteto ekutiwa umi pakati kwa Bafundisi nabafu-ndileyo baba ntsundu. Njengoko siwubona njalo tina lombono wakutiwa kuko " abakokeli " nalomntsantsa yintonje ebunkungu mhlaumbi etelekelelwayo.

## I-Konferens Yase Natal.

Intlanganiso Enkulu Yonyaka, eyiyeyesitatu, ye Ramente yama Wesile iya kuba se Tekwini (Durban) e-Natal. lyakuqala ngomhla we 14 lo April lo uzayo eyakungenwa ngabafundisi bodwa, ze engenwa nangamanene angebafundisi iqala ngomhla wa 22 walonyanga. Amalungu ayo anyulwa ziziqingata abahlulahlulelwe kuzo abafundisi base Wesile kweli lizwe.

Amalungu eyanonyaka intlanganiso ngawo la :—
*President:* Rev. Richez-d Ridgill
*Ex-President :* „ John Walton, M.A.
*Secretary:* „ Robert Lamplough.
*Abatunyelwe sisitili sase Kapa*
Rev. H. Tindall, Rev. J. Smith.Spencer; Mr. H. Thorne, Mr. John Adams.
*Abatunyelwe sesase Pini :—*
Rev. William Holford, Rev. W. B. Rayner, Rev. Jas. M. Dwane; Mr. J. Slater, B.A., Mr. Charles Lee, Mr. Ebenezer Mhlambiso.
*Abatunyelwe sesase Komani:—*
Rev. Jas. Thompson, B.A., Rev. Geo. Weaver, Rev. C. Pamla; Mr. S. Morum, Mr. J. Hodges, Captain Veldtman.
*Abatunyelwe sesase Mywali:—*
Rev. Th. Chubb, B.A., Rev. P. Hargreaves, Rev. J. R. Cameron, Rev. W. Sigenu ; Mr. N. Keswa.
*Abatunyelwe sesase Dayimani :—*
Rev. G. Maben Slade, Rev. Wesley Hurt, Rev. C. Harmon, Rev. Jacob Monyatsi; Mr. J. Grant, Mr. H. Oliver, Mr. Africa Ncindi.
*Abatunyelwe yi Natal:* -
Rev. Frederick Mason, Rev. S. Evans Rowe, Rev. William Wynne, Rev. J. Dlamini; Mr. G. Payne, Mr. S. Franklin, Mr. Enoch Msi- mang.
Amanye amanene ngo :—
Mr. C. Lewis, M.L.A., Mr. R. Topham, Mr. J. G. Hellier—wona ngabapatiswa bemali ezitile zabafundisi.

## Impawana.

Pesheya ekuqaleni kwenyanga edluleyo kutshate u-Rev. S. E. Gladstone, unyana opakati ka Mr. Gladstone, ipakati elikulu le Nkosazana, nentombi ka Dr. Wilson,
wase Liverpool. Kutiwa akunganganto amabaso awapiweyo ngomhla womtshato wake. Utunyelwe imali yamapepa ye £100 (cheque) litshawe ekutiwa yi Duke
of Westminster, wapiwa ikari emilenze mine ngu Dr. Clarke kunye namahashe ayo. Lento iyindleko yomtshato inkulu kangaka pakati kwetu bantsundu ngangokuba amabaso angaluncedo olukulu —njenge ndebe yamanzi abandayo ezweni elomileyo—kubantu abasazeke betshatiswa. Into esiyibonayo tina emitshatweni yakowetu kukuqongqotwa nemvutulukana angaba ubesenayo otshatayo ngabantu abeze kumcela. Elisiko lama Ngesi lekumnika amabaso ngomtshato beli-fanele ukutatyatwa siti bantsundu ukuba silumnkile.

***

Komnye umhlati singenisa amagama amanene amhlope nantsundu anyulwe kwizitili ngezitili ukuba aye kwintlanganiso enkulu youyaka yama Wesile eyakuqala e-Natal ngo 14 ku April lo uzayo. Elixa kunqweneleka ngenx' enezizatu ezininzi ukuba bona abamnyama, ngakumbi amanene angebafundisi, abeko onke. Siqonda ukuba u-Mr. E. Mhlambiso otunyelwa ngumandla wase Rini kuyatandabuzeka ukuba uyakuba nokuya ngenxa enobufutshane ngakwicala leqosha. Xa sikumbula ukuba usand' ukwaka enye yezindlu ezinkulu zezitena, elungiselela kwakona ukuzitabatela " undofa naye" wake, akummangaliso ukuba axakeko ngoluhlobo. Ukuba i-Ramente ezintsundu ezimele umandla wase Rini beziwu-
qiqa umsebenzi wazo beziya kurola inkozwana zokumxuma ukuba aze abe nokuya kufika ezintlanganisweni apo. Azi ukuba ziyakuba nokuyiqondana lento. Kakade iyakuqondwa ngabafundisi nangamadoda apambili kuqala.

* **

Ngomnye umhla saka sabalisela abafundi balomqolo ngohlobo eyenjenjalo ukukumshela elilizwi " to water " imambane etile eyacinga ukuba baposisile abaguquli ukuti kuku "nyela" kulandawo itetango Paulosi no Apolosi. Ukwaneza into ezizezolohlobo omnye umhlobo usibalisela ngetitshala eyaka yase Ngqushwa await eshumayela umfundisi omhlope akuti " *When they buy and sell,"* yati yona ukukumshela oko, " *Xa babese Bayi besela* I " Lenteto yamaua ukupinda-pindwa kulo-ntshumayelo, kodwa umhlobo wetu ongu titshala wajoka ekutini " xa babese Bayibesela." Ababesiqonda Isingesi bamkumbuze sekupandle ukuba ukukumsha kwake kucubule into eninzi. Kufanele. Kuba inguqulelo elungileyo yalenteto kukuti " xa batengayo batengisayo." Lomhlobo wenza oku useko: simncoma kuba wati emva koku wazimisela ukuya kwakona eskolweni.

***

Omnye wama Gosa e-Mvo *Zabantsundu* uyaleza lamazwi kuti xa atumela imali yabatile abagoseleyo —" Ke kwaba banyangantatu abanye abakabi namali. Noko
abo ixesha labo lipelileyo nelipelayo uze uwasike amagama abo, kuba you see asinakunceda ukuba situmele *Imvo Zabantsundu* ngapandle kwemali, kuba *Imvo Zabantsundu* yinto ehamba ngemali. Kungokoke nditshoyo ukuti uboti kwabangahlaulanga, liti lakupela ixesha labo zime *Imvo zabantsundu.* Please, mhlobo
wam, uzuyiveke eyona nto nditeta yona. Nqumamisa ezingahlaulelwanga 'in advance.' Mayibe inkuluke lo 'advice." Siyalibulela mzalwana icebo lako, lite kuba besesiwasikile amagama angahlaulanga lasinika inkutazo. Somana ukulikumbula icebo lako. Akwaba amanye Amagosa ebentlizivo 'nye nawe!

***

Okubaliswa kulencwadi siyihlomelayo kumdaka kangaka ngangokuba umntu apantse ukutandabuza ukuba kuyinyaniso. Umbaleli wetu akamntu ufumana apafuke ukuteta sinenkoloke ukuba oku akubalileyo akuntsomi. Uti-

Mhleli we *Mvo Zabantsundu,*—Ndincede ufake epepeni lako lendaba lamazwana ambalwa, ndifuna ukushumayeza umhlambi into engutntnan yaliso endiyibone apa e Somerset ngosuku Iweshumi linesixenxe kuyo lenyanga Imiyo 17th Feb.) ngolwesiBini evekini. Kute ngeveki engapambili kwalahleka amahashe ka Mr. Thomas Kuboni amabini iduna nemazi, abonwa ngonyameko olukulu kunene, akafunyanwa, kuqaIwe ngolwesi-Hlanu kwada kwaba y'i Cawa efunwa. Afunyanwa ngo Mvulo kusasa ngabafuni benkabi. Kanti amahashe asezandleni zesi "Gebenga" Kwafikwa eliyimazi litiwe kata pakati kwembaxa zomsenge ngentungo yomlenze wokohlo, walihlinza exweleni ngoku kwento yonke ehlinzwayo xa sukuba ifile, wayinqamla intungo yabambelela ngesikumba ehasheni yaza, intungo yatiwa xa ezibaxeni zomti ukwenzela ukuze lingabinako ukuwukupa umlenze emtini. Unjalo nje lomti umi pezu kodonga lomlambo. Site sakugqiba ukukwenza oku isigebenga salishiya lilengalenga kolodonga ihashe lihleli lingafile. Lite ngokwenza imigudu yokuzi-

1ST. INNINGS. 2ND. INNINGS.

| | | |
|---|---|---|
| Ngcotoza, b Rubusana | 6 c Stegman | 8 |
| Ngantweni, b Maci | 0 b Maci | 3 |
| Alexander, b Rubusana | 2 b do | 11 |
| Wele, b Maci | 4 b do | 0 |
| Meya, b do | 2 b do | 0 |
| Ngumati, not out | 12 c Venna | 2 |
| Mago, b Maci | 3 b Maci | 2 |
| Jonathan, b Maci | 0 b do | 0 |
| Joinings, b do | 2 b do | 0 |
| Dumile, b do | 2 b do | 0 |
| Matoli, b do | 1 b do | 0 |
| Extras | 9 Extras | 9 |
| Total | 43 | 35 |
| | | 43 |

PEELTON C. C.

2ND. INNINGS.

| | | |
|---|---|---|
| Skumba, b Ngcotoza | 0 c Meya | 0 |
| Richard, b do | 17 Ngantweni | 0 |
| Maki, b Ngantweni | 2 b do | 2 |
| Jennings, b Ngcotoza | 0 lbw, b do | 2 |
| Maci, c Alex, b do | 0 b do | 0 |
| H. Richard, b Edward | 0 b Ngcotoza | 0 |
| Rubusana, Mago, b do | 2 c Ngantweni | 1 |
| Venna, b Ngantweni | 1 b Ngcotoza | 13 |
| Mbonjana, b Ngcotoza | 2 c Alex, b do | 0 |
| Stegman, b do | 2 run out | 0 |
| Sbunu, b Ngantweni | 1 b Ngcotoza | 3 |
| Extras | 2 Extras | 0 |
| Total | 32 | 15 |
| | Grand Total | 47 |

Vide Secretary.

IDLELO LASE NQOLO-NQOLO.

Kwi Ofisi Yenkulu Yonocanda.

E-Kapa, January 24, 1885.

KU A. H. DUNCAN, ESQ., UMCANDI.

NKOSI.—Ngokusingisele encwadini yako yolwe 3 kulenyanga ifileyo, oyibale egameni lamadoda anominikiwa emele i-Nqolo-nqolo no Mgqukwane kwane Ndlovu, usiti okokuba imida yokupela kowamahlati esand' ukwenziwa, iya kukangelelwa okokuba ibe kwayisida lwedlelo abalicandelwayo ngoku, lonto siyakulincipisa idlelo kwindawo elaliye lemi ngazo -ekwalatweni kwalo ngu Baron de Lin, wave usiti nangapezu koko lonto iya kulidlela idlelo owonke mhlaba ubungamandla kulo. Ndikucelake okokuba uti ko Notenga—Umgcini mahlati esibekiswe kuye isikalazo sabo wenze ngxelo yokuba "imida abasingisela kuyo yamahlati inqandele ngapakati kupela umhlaba ebekungeni kwenziwa ngakumbi kuwo, obufuneka nangayipina indlela ungenisiwe, ukulungiselela ukugcinwa nokulondolozwa kwamahlati lawo, nangokulungisele-la ukuba ezondawo nazo zibuye zibe ngamahlati, kubonakalake mna ndingena kwenza mida iyiyimbi engeyiyo leyo abamisele yona. Ngokumayelana nendawo eniti uhlobo omiswe ngalo ngoku lomda wamahlati lubangele ukuba ziti inkomo zeminye imizi zingabi nandlela yokupumela ngapandle edlelweni, u-Mr. Hutchins uti " londawo kupela injalo kumganyana omncinane womda, kwindawo apo wayamana kona nemida yemihlaba ecandiweyo yonotenga, ekungatike ukulungiswa kwalondawo kushenxiswe lamatye ma'bini u-No. 21 no 22 anyuselwe entla;"—ndimceleke ukuba ati ukuba kunokwenzeka lomatye awashcnxise njalo, ekungati mhlaumbi xa kwenjiwenjalo, lengxakeko nikala ngayo ibe ishenxisiwe. Ngelika Rulumente icala akuko mnqweno wokubapanga nendawana encinane edlelweni abebadingele abantu, kodwake ukwenzelelela ilungelo lenu nina abango Notenga, kwanelungelo loluntu lonke lupela kuyimfuneko Kanye ukuba lomcimbi wokugcinwa kwamahlati ungake ulinge upazanyiswe nakancinane, kuba kungobuko bawo kanye lamahlati ete imitombo apo yema kona imilambo yetu yaba yahlala isela ingazanga itshe. Eniyakuti kengoko nincede ngokuti imihlaba esukuba igcinelwe amahlati—ukuba ityalwe yenziwe amahlati, ningayibandakanyi edlelweni.

Lamagcume mabini akwezonyoba. Zise mazantsi o Mgqukwane, ayakumiselwa ibakana ngumgcini mahlati, kwanawoke angapandle kwedlelo. Ndinitumelake nomfanekiso womhlaba lowo ukuze nibe nokuzikangelela ngokwenu ukuma kwemida.

Ndinewonga lokuba
Nkosi
Ndingosicaka sako esitobekileyo,
(Signed) S. MELVILE.
Osendaweni Yenkulu Yonocanda.

## Abalimi na Barwebi.

ONKE umbali ubuza ukuba kutenina lento singasamka nteto ngento ezifanele ukulinywa ngezinyanga. Site sisate nqa ngulo mbuzo kuba apa e-Qonce sekumzuza singasafunani mvula sakumbula ukuba ezinye indawo zike zayifumana. Singati ke kumhlobo wetu kulenyanga ingu March kuko nto ibalulekele ukulinywa ngapandle kwembotyi ne erityisi. Irasi engavunwa iluhlaza nayo inokuhlwayelwa. Eli iikwalixesha lokutyala amatswele, nomakapetshu nentwana-ntwana eziluhlazana ezidliwa nenyama ngama Ngesi. Singacebisa abalimi ukuba balungesi imbewu zenqolowa ekutiwa ngu " bariti " ukuze bayihlwayele ekutwaseni ko April.

E-MARKENI

E.QONCE (March 14.)

Inkuni, 5/ to 19/ ngeflara
ihabile, 3/3 to 4/2 ngekulu
Imipuru, 4d. to 10d. ngekulu
,, 5/ to 7/ ngeflara
Irasi 7/9 to 8/11 ngenxowa
Itapile, 4/ to 9/6 ngenxowa
Amazimba, 14/6 ngekulu
Umbona, 13/6 to 14/6 ngekulu
Ibran, 4/6 ngenxowa
Amatanga, 3/ to 8/9 ngedazini
Ivatala, 4/1 ngedazini
Ihangu ezinkulu, 16/ to 23/ inye

E-RINI (March 13 )

Ibotolo, 2/10 to 3/2 ngeponti
Irasi, 14/6 ngenxowa
Ibran, 5/ to 5/7 ngenxowa
Imbotyi, 6/3 ngekulu
Amaqanda, 2/11 ngedazini
Ihabile, 4/9 ngekulu
Umbona, 25/3 ngenxowa
Itswele, 2/6 to 7/ ngesiquma
Itapile, 7/4 to 9/3 ngekulu
Inqolowa, 8/ to 8/6 ngekulu
Inkuni, 4/ to 28/ ngeflara

E-CRADOCK (March 10).

Ibotolo, 2/ to 3/ ngeponti
Irasi, 15/ to 16/ ngekulu
Ibran, 12/ ngenxowa
Amadada, 2/6 lilinye
lnkuku,1/6 inye
Imfele zebokwe, 1/3 to 4/6 lilinye
Amazimba, 29/ ngamakulu amabini
Umgubo, 23/ to 26/ ngenxowa
